


Iindawo apho amanzi aphantsi komhlaba enokufumaneka khona kwiNtshona Koloni

Amanzi aphantsi komhlaba angafumaneka kwiindawo ezininzi zeNtshona Koloni. Ukufumaneka kwawo, ukuphuma kwawo nokusulungeka kwamanzi aphantsi komhlaba kungahlolwa ngunokotraka wequla/womthombo wamanzi.



 **Lumka!**

 **Khusela isiXeko sethu!**

 **Khusela imeko-bume esiNgqongileyo!**

 **Yonga aManzi aselwayo!**

 **Yiba yinxalenye yesisombululo uzombe umthombo wamanzi okanye iqula namhlanje!**

Ulwazi olubalulekileyo

IZIKO LONCEDO NGEMINXIBA LESIXEKO SASEKAPA

Umnxeba: 0860 103 089

lingcebiso ingcaciso yokonga amanzi, ezinye iindlela zokusebenzisa amanzi, ukugqabhuka kwemibhobho, ukuvala kwayo nolwaphulo-mthetho lwemiqathango yokusetyenziswa kwamanzi

UMBUTHO OJONGENE NAMAQULA AMANZI EMZANTSI AFRIKA (BOREHOLE WATER ASSOCIATION OF SOUTHERN AFRICA)

Umnxeba: 011 447 0851

Ngoluhlu loonokotraka bamaqula amanzi kwingingqi yakho

ISEBE LEMICIMBI YEZAMANZI

Umnxeba: 012 336 8125/8046

Ingcaciso nge-Akhwifa/ngomgangatho wamanzi aphantsi komhlaba

KIRSTENBOSCH BOTANICAL GARDEN

Umnxeba: 021 799 8783

lingcebiso/ingcaciso ngokulima ngobulumko

UMTHETHO KAMASIPALA WAMANZI

IPhepha-ndaba likaRhulumente 6378: 01/09/06

EZINYE IINCWADANA KOLU LUHLU:

- Intshayelelo kwimithombo engeminye yamanzi (incwadana yoku-1 kwezi-4)
- Ukusetyenziswa kwakhona kwamanzi amdaka (incwadana ye-3 kwezi-4)
- Ukuzigcinela amanzi emvula (incwadana ye-4 kwezi-4)

IZiko loNcedo ngomnxeba lesiXeko saseKapa:

0860 103 089

SMS: 31373 (oonobumba abali-160)
I-imeyile: WaterTOC@capetown.gov.za



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

AMANZI NOCOCEKO



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

AMAQULA/IMITHOMBO YAMANZI



IMithombo yaManzi engeMinye

Incwadana ye-2 kwezi-4



Yiba yinxalenye yesisombululo Amanzi ethu, igugu lethu

Intshayelelo

Amanzi anqabile kwilizwe lethu yaye kucingelwa ukuba iNtshona Koloni iya kuba sisithili sokuqala ukuphelelwa ngamanzi ngaphandle kokuba kukho amanyathelo athatyathwayo ukulawula imfuneko yamanzi ngobuchule.

Ukuzombela umthombo wamanzi okanye iqula kuya kuncedisana nokusetyenziswa kwamanzi aselwayo ngeli xesha kulondolozwa igadi entle nechumayo.

Kutheni kufuneka ubani azombe iqula/umthombo wamanzi?

Igadi zethu zisebenzisa phakathi komyinge wama-30% nama-50% awo onke amanzi asekhaya asetyenziswayo. Ukusetyenziswa kwemithombo yamanzi engaphantsi komhlaba ngabasebenzisi bamanzi, ngokukodwa kwiindawo zokuhlala, kuya kuba nempembelelo kuzo zonke izibonelelo ezokhiweyo zamanzi.

Iqula/umthombo wamanzi liya kuthi:

- Likongele amanzi aselwayo axabisekileyo
- Likongele imali
- Liphungule umthwalo kwimeko-bume yethu yendalo esingqongileyo yaye
- Longeze ixabiso kwipropati yakho

Amanzi angaphantsi komhlaba nemithetho kamasipala/izithintelo zamanzi zesiXeko

Amanzi angaphantsi komhlaba asoloko efaneka simahla kuye wonke ubani waseKapa yaye akukho mithetho kamasipala/izithintelo zamanzi zisetyenziswayo kuwo xa esetyenziselwa ukunkcenkceshela. Nangona kunjalo, umnini-propati kufuneka axhome umqondiso, obonakalayo usesitalatweni, ochaza eli qula lamanzi, okanye amanzi angaselwayo.

Amakhaya asebenzisa amanzi emithombo okanye amaqula ayakhuthazwa ukuba agcine amaxesha okunkcenkceshela (bangankcenkcesheli phakathi kwentsimbi ye-10:00 neye-16:00,) ngokoMthetho kaMasipala wesiXeko waManzi; iShedyuli 2 yalo mthetho kamasipala.

- 1 Ukombiwa kwequla lamanzi kungenziwa ngaphantsi kweveki ngeli xesha ukomba umthombo kuthatha iiyure ezimbalwa.
- 2 Ukusulungeka kwamanzi aphantsi komhlaba kukhuseleke ngokupheleleyo ukuba angasetyenziswa kumabala anengca nakwizityalo.
- 3 Umnini-proopati makaxhome umqondiso obonisa ukusetyenziswa kwequla okanye komthombo wamanzi.
- 4 Uvumelekile ukuba ungaqhagamshela isixhobo sakho esikhoyo sokunkcenkceshela kwiqula lakho/kumthombo wakho wamanzi omtsha.

Uahluko phakathi kwequla nomthombo wamanzi

Kwiindawo apho imbonakalo yelizwe ilungile yaye neqondo lomphakamo wamanzi lisondele kakhulu emhlabeni kungombiwa iqula lamanzi apho.

Amanzi aphuma kwimithombo ayonela ekubeni asetyenziselwe ukunkcenkceshela iigadi ezincinane ukuya kweziphakathi zasemakhaya. Amaqula la aquka umngxuma ongenzulwanga onobunzulu obungekho ngaphezu kwe-8-10 m. Le mithombo iyonga kakhulu kwiindleko yaye kuyakhawuleza ukuyifakela kunamaqula.

Amaqula asoloko eqwalaselelwa ukusetyenziselwa amabala emidlalo anengca, iipaki, amabala egalufa, imizi-mveliso, iindawo zolimo okanye amakhaya anengeniso ephazulu aneegadi ezinkulu nezinkcenkceshela kakuhle. Amaqula anokuba nobunzulu obumalunga nama-30 m ukuya kwi-100 m okanye ngaphezulu. Ngenxa yoku kuxabisa kakhulu ukuwombela yaye kufuneka kwenziwe uphando olunzulu phambi kokuba kombiwe.

Iimpembelelo zamaqula/zemithombo yamanzi kwimithombo esinayo yamanzi aphantsi komhlaba

Kwenziwa uphando sisiXeko kumaqula akhoyo ali-14 000 ngokusetyenziswa kwayo ngokufezekileyo kwiinjongo zokunkcenkceshela. Uphando lwafumanisa ukuba la maqula akanampembelelo ithandekayo kwiqondo lamanzi angaphantsi komhlaba. Uphawu olunegalelo koku kukusoloko kusongezwa iqondo lamanzi aphantsi ikomhlaba eKapa ngexesha lemvula.



Ukusulungeka kwamanzi aphantsi komhlaba kwisiXeko saseKapa

Ngokuphathelelene namaqondo etyuwa uninzi lwemimandla yesiXeko saseKapa eyombeswe ngamatye anamanzi eKapa (iCape Flats Aquifer), ngokunjalo nakummandla wase-Atlantis, ikulungele ukombiwa kwamqula/kwemithombo yamanzi elungiselelwe ukunkcenkceshela igadi.

Kwezinye iindawo kukho iintsinjana ezincinane ezithi zinyibilikele emanzini aphantsi komhlaba neziya kubangela amabala amdaka kwiindonga, kodwa asakulungele kanye ukusetyenziswa kumabala anengca nakwizityalo yaye akasayi kukuchaphazela ukusulungeka komhlaba.

Ukuqhagamshela isixhobo sakho sokunkcenkceshela kwiqula/kumthombo wamanzi

Unakho ukuqhagamshela iqula/umthombo wakho wamanzi kwisixhobo sakho sokunkcenkceshela onaso ukuba umthamo wamanzi ukwanele ukusetyenziswa kwesixhobo sokunkcenkceshela. Ukuba akwenzeki oku, zikho ezinye iindlela zokulungiselela oku. Ikontraka yamaqula/ yemithombo yamanzi iya kuhlola oku ze ibonisane nawe ngeziphakamiso enazo. Nangona kunjalo, kuya kuba yimfuneko ukuqinisekisa ukuba iqula lakho linesihluzo esifanelekileyo esifakelweyo.

Nceda uqaphele ukuba ngokwemigaqo yoMthetho kaMasipala waManzi; iShedyuli 2, akuvumelekanga ukuqhagamshela kwakho amanzi equla/omthombo nemibhobho ehambisa amanzi asendlwini.

Ukusebenzisa amanzi aphantsi komhlaba ukugcwalisa idama lakho

Xa sele iqula/umthombo wamanzi wombiwe unokontra wakho makavavanye ukusulungeka kwamanzi ukuba akufanele kusini na ukugcwalisa idama lakho.

Ukombiwa kwequla/komthombo wamanzi

Ukombiwa komthombo wamanzi kuthatha malunga neeyure ezi-2-4 ngeli xesha ukombiwa kwequla kunokuthatha malunga neentsuku ezi-3-5 kwakhona ngokuxhomekeke kuhlobo lwequla/omthombo wamanzi olikhethelwe ngunokontra wakho.